

SA EXAM PAPERS This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS
SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal



You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



**SA EXAM
PAPERS**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NKANGA 2025

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 3

Olu viwo lunamaphepha ama-5.



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: IZINCOKO.

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340–390.

UMBUZO 1

- 1.1 Sakhangela, sakhangela, uvalo lungongoza, gqi yena encumile [50]
- 1.2 litshomi [50]
- 1.3 Akuziwanga kwezo zinto apha! Umntu ... [50]
- 1.4 Kunyanisiwe, uvuna okulimileyo [50]
- 1.5 Kuqala yiphi, kugqibele yiphi impumelelo nokuzinikela? [50]
- 1.6 'Nathi yeyethu ibhajethi ... Masibandakanywe' [50]

Imifanekiso efanekisa kwiphepha lesi-3–4 ingavuselela iingcinga ichukumise imibono engqondweni yakho.

Khetha umfanekiso ubeMNYE uze uphendule ngokubhala isincoko. Nombola impendulo oyikhethileyo ngokubhala (1.7 OKANYE 1.8) uze usinike isihloko isincoko osikhethileyo.

QAPHELA: Makubekho unxulumano phakathi kwesincoko sakho nomfanekiso owukhethileyo.

1.7



[Uthathwe kwi-intanethi: [Adobestock/#1236074364](https://www.adobe.com/stock/1236074364)]

[50]

1.8



[Uthathwe kwi-intanethi: www.iptc.org]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50



ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBULO 2**2.1 ILETA ESESIKWENI**

Iqela lamavolontiya, iQinamhlali liphumelele ukuseka ingxowamali yokuncedisa kwiimfuno zezifundo ezongezelelweyo esikolweni sakho.

Ungunobhala weRCL bhalela usihlalo weli qela ileta ubulele iinzame zamavolontiya, nendlela awusingethe ngayo umsebenzi. [25]

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari yomlinganisi obemele ubulungisa kwifilimu oyithandayo. [25]

2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA

UMasinedane ongumbutho owayilwa ngabasebenzi basemakhaya kwindawo yakho womelele kangangokuba sele unikezela nangeebhasari kubantwana abenza izifundo ezijoliswe kwimisebenzi yezandla.

Bhala inqaku lephephandaba ngesi senzo. [25]

2.4 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

Ungunobhala wabahlali, beninentlanganiso yabahlali enenjongo yokonwabisa niluluntu lonke ngomhla weKrisimesi.

Bhala i-ajenda nemizuzu yale ntlanganiso. [25]

2.5 INTETHO ENGEKHO SIKWENI

Ungumfundi wesifundo seNzululwazi yezeNdalo. Benisenza uphando ngegalelo lamanzi emizimbeni yabantu.

Bhala intetho engokubaluleka kokusela amanzi oza kuyinikezela kubantu abakwikliniki ekufuphi kuwe. [25]

2.6 IRIVYU

Bhala irivyu yevenkile yeempahla yakwaMju ongumthengi kuyo ngenjongo yokubizela abathengi bazozibonela nabo. [25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

